



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOHL.1

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2010

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IMIDLALO	
1	"Le nto asinguwo umdlalo ngumtywabulo." "Akukathethi, usadlal'upuca." " Andinalo ixesha lokudlala mna." "Uyadlala, wena! Sukudlala bo!"
2	Wonke umfundi ofunda esi sincoko wakhe waziva ezi ntetho phantse zonke. Kunjalo nje ngangohlobo eziqheleke ngalo endlebeni yomXhosa, ndiqinisekile kukaninzi abafundi beziva apha ebomini babo. Ndiqinisekile kunjalo nokuba neentsingiselo zazo ezi ntetho zicace gca nakubani na ontetho yakhe isisiXhosa.
3	Kodwa ke mfundi, khawukhe uphinde uzikise ukucinga ngezi ntetho nezinye ozaziyo ezifana nazo. Zikunika ingqondo enjani ngokudlala? Zonke ezi ntetho, xa ucingisisa, zisizobela umfanekiso wokudlala kuyinto embi kakhulu, elumezayo nengamkelekanga konke.
4	Xa kuchazwa into enzima okanye ebalulekileyo, kuthiwa ayingomdlalo. Loo nto ke isinika ingqondo yokuba umdlalo wona yinto elula, kunjalo nje yinto engabalulekanga. Kukangaphi sisiva abazali bengxolisa abantwana babo, bebangxolisela ukuthanda ukudlala okanye bekhazela xa kuncokolwa, bekhazela abantwana abathanda ukudlala? Khawuvumbulule zonke iingxelo zeziphumo zeemviwo ezazivela esikolweni owawufunda kuso okanye ofunda kuso ngoku. Kuzo zonke khangela ukuba kuthiwani yinqununu yesikolo okanye utitshala weklasi yakho malunga nenkqubo yakho esikolweni. Ngaba ayikho na into ethi, "Akafundi, ulibele kukudlala apha esikolweni," okanye ethi, "Ngenze ngaphezulu kunoku ukuba ebengalibalanga kukudlala?"
5	Ezi zikhalazo zilolu hlobo zixhaphakile kakhulu kwiingxelo zeziphumo zeemviwo neemvamvanyo zasesikolweni. Ukuba umntu angaqokelela ezi ngxelo kubantu abaninzi ngeenjongo zokwenza uphando, mhlawumbi angafumanisa ukuba kubantu abangamashumi amabini ekhulwini, sikho esi sikhazazo. Ukuba wawungumntu ozibalule ngesiphiwo sokudlala esikolweni - ibhola, ukubaleka, amanqindi, njalo-njalo - khawuphinde ukhangele ukuba ikhona na indawo ekuncomayo oku phaya kulaa nto ithethwa yinqununu yesikolo okanye yititshala yeklasi yakho. Kubantu abangamashumi amathandathu ekhulwini ingangabikho.



- 6 Nantsi ke ingxaki kuyo yonke le nto: ukuba umntwana ngumntwana odakumbileyo, ongasoze abonakale edlala abazali nootitshala baphinde bakhazaze; omnye umzali ade axhalabe ngokokude angene ezindlekweni zokuhambisa lo mntwana kwabanamehlo, efuna ukuba bakhe bajonge ukuba lo mntwana wakhe ngaba akukho sifo simkrekretha ngaphakathi kusini na. Nasesikolweni phaya aba bantwana banjalo wofika benamaganyana ababizwa ngawo – amagama azizigxeko, nalumezayo ezindlebeni.
- 7 Iyonke ke loo nto isixelela ntoni ngemidlalo? Isixelela ukuba akukho nto imbi tu ngemidlalo. Into embi kukungawazi amaxesha okudlala kuphela. Kunjalo phofu kwinto yonke. Nokutya oku, nangona kuyimfuneko yobomi, kungaba yinto embi kunene xa kusenziwa nanini na.
- 8 Kukho imbali ethi amadoda amaninzi omkhosi afunyanwa lutshaba alahlekelwa yimiphefumlo ngenxa yokulibala kukutya ngexesha elingelilo lokutya ilixesha lokubaleka. Yonke into inxesha layo nokuba ibaluleke kangakanani na. Kunjalo ke nalapha emidlalweni. Kubaluleke kakhulu ukudlala kuba kunika impilo kodwa kwenziwe ngexesha lako. Nayiphi na into enika impilo entle iyinto ebaluleke kakhulu emntwini.
- 9 Asimpilo yodwa enikwa kukudlala. Imidlalo iyamakha umntu ngeendlela ezininzi. Yiyo loo nto kwiintlanga zonke wofika ikhona imidlalo elungele onke amanqanaba adlula kuwo umntu kolu hambo lobomi ukususela ebuntwaneni kude kuse ebudaleni. Ikho imidlalo yabantwana abangamantombazana nabangamakhwenkwe, eyeentombi, eyabafana njalo-njalo. Iintsana nazo zinayo imidlalo. Kwimidlalo ethile kukho imigaqo kanti kweminye ayikho.
- 10 Imidlalo yabantwana kwisizwe ngasinye ikwasisipili esibonisa intlalo yesizwe eso sabo. Xa sithatha imidlalo yamantombazana neyamakhwenkwe siyijongisise kakuhle siqaphela ukuba iyahambelana nemisebenzi abaya kuyenza xa sebedadala - oko kukuthi ihambelana nenxaxheba yabo esizweni xa sele bekhulile. Njengokuba kukhulwa nje ngabantwana yenza njalo nemidlalo, iya iba qatha.
- 11 Ilizwe lizele yimizi-mveliso eyenza izinto zokudlala. Amantombazana ngoku adlala ngoonodoli abathengiswa ezivenkileni. Umntu onolwazi ngezoqoqosho angakuphicothela ukubaluleka kwemidlalo kuqoqosho lwelizwe. Amathuba emisebenzi avulelekile ngenxa yemidlalo. Amakhulu-khulu abantu asebenza kumzi-mveliso owenza izinto zokudlala ondla amawakawaka eentsapho ngemali ayifumana kuwo. URhulumente naye ufumana imali yerhafu.



12 Mandulo, iinjongo zemidlalo ibisakuba kukonwabisa nokufundisa abantu. Kule mihla ikwayiyo nempangelo. Abantu bemidlalo bayazi ukuba umntu othatha inxaxheba emidlalweni ufunda inkcubeko ngesimo, indlela yokwakhiwa kobuhlobo, ukukwazi ukusetyenziswa kwexesha. Umntu wemidlalo ngumntu ongqondo ikhawulezayo. Imidlalo ikubonisa ikufundise ngeendawo ngeendawo yaye iyabulwa nobundlobongela.

[*Imficamficane* ebhalwe ngu: ZS Zotwana yaze yahlelwa, amaphepha 6 – 13]


- 1.1.1 Ingaba isihloko sesi sicutshulwa siyangqinelana nomxholo waso? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.2 Kumhlathi wesi-3 chonga ibinzana elibonakalisa ukuba umdlalo yinto engathandekiyo. (2)
- 1.1.3 Kumhlathi wesi-4, xa kuchazwa into enzima okanye ebalulekileyo kuthiwa:
- A Ngumdlalo
B Asiyondlwan' iyanetha
C Ayingomdlalo (1)
- 1.1.4 Kumhlathi wesi-4, khangela intetho edla ngokusetyenziswa yinqununu okanye utitshala weklasi xa umfundi engaqhubanga kakuhle kumsebenzi wesikolo ngenxa yokuthanda ukudlala. (2)
- 1.1.5 Bhala iindidi zemidlalo zibe MBINI ezidlalwa ezikolweni ezifumaneka kumhlathi wesi-5. (2)
- 1.1.6 Chonga kumhlathi wesi-7 ibinzana elityhila ukuba imidlalo ibalulekile, ingxaki kukudlala ngethuba elingafanelekanga. (2)
- 1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kozinikiweyo kumhlathi wesi-8. Intetho ethi, 'yonke into inxesha layo nokuba ibaluleke kangakanani na,' ithetha ukuthi:
- A Yenze into nanini na ufuna.
B Yenze into ngexesha elililo.
C Yenze into ngexesha lakho. (1)
- 1.1.8 Kumhlathi wesi-9, zinto zini eziMBINI ezisetyenziswa ekwahluleni imidlalo? (2)
- 1.1.9 Xela imisebenzi yemidlalo ibe MIBINI ekhankanywe kumhlathi we-12 ngokwamandulo. (2)
- 1.1.10 Ngokwesicutshulwa imidlalo iyabulwa ubundlobongela. Ingaba yinyani okanye bubuxoki? (1)



- 1.1.11 Ngokwesicatshulwa kumhlathi 12, zininzi izinto ezithi zifundwe ngumntu othatha inxaxheba emidlalweni. Bhala zibe MBINI kuphela. (2)
- 1.1.12 Kumhlathi we-12 kukho isivakalisi esibonakalisa ukuba umntu uyakwazi ukuzuza imali ngenxa yemidlalo. Bhala isivakalisi eso. (1)

1.2 UKUTOLIKWA KWEKHATHUNI

ISIBONELELO SIKARHULUMENTE



[Ithathwe kwimagazini u *Vukuzenzele*, Matshi 2009]

IMIBUZO ESEKELWE KWIKHATHUNI

- 1.2.1 Ingaba inkangeleko yobuso babazali kwikhathuni A ityhila ukuba bonwabile okanye bakhathazekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.2 Ingaba abantwana abakwikhathuni A babonakala bexhamla na kwisibonelelo sabantwana sikaRhulumente? Xhasa impendulo. (1)
- 1.2.3 Babonakala bevela phi abazali nabantwana kwikhathuni A. (1)
- 1.2.4 Kwikhathuni B ucinga ukuba yintoni ebangela ukuba eli xhego lihleli phantsi libe kwimeko elikhangeleka likuyo? (2)



- 1.2.5 Yintoni enokubangela sicinge ukuba imali yesibonelelo yeli xhego lihleli phantsi isetyenziswa ngabanye abantu ngokweemfuno zabo kwikhathuni B? (2)
- 1.2.6 Zinto zini ebekufanele ukuba zithengiwe ngale mali yeli xhego likwikhathuni B ukuze libe kwimeko encomekayo? Xela zibe MBINI. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30



ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-60 ukuya kwangama-70. (3)
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

UKUZIQESHA NGOKWAKHO

- 1 Phantse sonke sinomnqweno wokuba namashishini ethu. Ukuziphatha nokuba nemali eninzi kuvakala njengento emnandi kodwa akuyonto ilula. Inyaniso kukuba ambalwa amashishini asakhasayo awugqibayo unyaka omnye esavulile. Sinakho ukuyiphumeza le minqweno nangona kunzima.
- 2 Umntu ofuna ukuqala ishishini kufuneka abe nothando lwento afuna ukuyenza. Siqala ngamaphupha ze siwafezekise ekugqibeleni. Akukho lula ukuba neshishini kuba ukuze uphumelele kufuneka usebenze nzima, ukwazi ukumelana neemeko ezingumceli-mngeni, ube nesakhono sokuyila nokugcina umgangatho.
- 3 Ngaphandle kweempawu ezibaliweyo ngasentla kufuneka ube nemali yokulixhasa ishishini lakho, indawo yokusebenzela ebonakalayo ukuba yindawo yomsebenzi ngokuba nophawu, kwaneemoto ozisebenzisayo nazo zibe nophawu. Kukwafuneka ukuba indawo osebenzela kuyo ibe kude nengxolo yosapho ukuba usebenzela ekhaya. Xa uqala ishishini kufuneka ube nezi zixhobo zilandelayo, iikhompyutha, ifeksi, iprinta ne-intanethi. Kufuneka ufunde ngeendlela zokugcina iincwadi zoshishino ukuze ukwazi ukugcina iinkcukacha ngeshishini lakho.
- 4 UFran Piggot, ucebisa oosomashishini abasakhasayo ukuba bazigqale, bazicingisise izinto abafuna ukuzenza. Ngokwenza oku bazinika ithuba lokuvelela zonke iinkalo ngamashishini abafuna ukuwavula. Luyafuneka ukhuphiswano, loo nto ayikugcini uphaphamile nje kuphela kodwa iyakwazisa ukuba bakho abathengi bemveliso yakho. Indlela elula yokubona imfuneko yemveliso kukujonga ingxaki exhaphakileyo uze wenze imveliso apho ishishini lakho liza kuba sisisombululo. Uzibona kanjani ezi ngxaki? Mamele izikhalazo zabantu. Bakhazela ntoni? Ungakwazi ukubanceda?



5 Xa sele ukulungele ukuqhuba ishishini lakho, "Xeleta ilizwe ngalo. Kwenze oku isengqondweni into yokuba ufuna ukwenza inzuzo engaphezulu kwemali oza kuyichitha! Imveliso entsha ifuna imali, ixesha namandla amaninzi ukuze yaziwe, ngoko kuza kufuneka kubekho imali oza kuyisebenzisela ukuthengisa," itshilo enye ingcali kwezentengiso. Eyona ndlela ilungileyo nefikelelekayo yokuzithengisa "ngumlomo", abantu bathethe kakuhle ngawe ngenxa yokwaneliseka. Kufuneka uzipapashe nangezinye iindlela. Ungafaka intengiso kumaphephandaba asekuhlaleni okanye uzenzele amaphepha akho. Ungazithengisa ngokuncamathisela amaphepha ezipalini nasemigqomeni esezitalatweni. Phanda ngezi ndlela ubone ukuba uza kukwazi na ukuzihlawulela.

[Ithatyathwe kwi*Bona* kaJanyuwari 2009, iphepha 68]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

3.1 Funda lo mhlathana ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

YONWABELA ILUNGelo

Ngokungqinelana noMgaqo-Siseko ummi ngamnye woMzantsi Afrika unelungelo lamanzi acocekileyo. Enkosi kwiNkqubo yemiSebenzi kaRhulumente eyoLuliweyo, uluntu lwaseMjindini ngaphandle kweBarberton, eMpumalanga ngoku lunamanzi acocekileyo emva kweminyaka emininzi lusela kwimifula ekufutshane.

[Ithathwe kwimagazini uVukuzenzele, Meyi 2008]

3.1.1 Nika igama elithetha into enye neli:

Ummi (1)

3.1.2 Msebenzi mni owenziwa ligama 'acocekileyo' kwesi sivakalisi akuso? (1)

3.1.3 Ingaba ibinzana, ... "emva kweminyaka" lisetyenziswe ukubonisa ntoni kwisivakalisi elikuso? (1)

3.1.4 Kwibinzana, 'Ngokungqinelana noMgaqo-Siseko' ingaba u-**ana** ubonisa isenzeko esenzeka calanye okanye macala omabini? (1)

3.2 Funda lo mhlathana ulandelayo uze **ucacise umsebenzi** owenziwa sisifanekisozwi ngasinye esibhalwe ngqindilili.

Iyajika imilebe ibe bomvu **krwe** nolusu luthande ukufa mnyama xa uzintyintya ngotywala. Ngalo lonke elo xesha ivumba elithi **khaphu** wakuvula umlomo alinyamezeleki ezimpumlweni. (2)

3.3 Funda esi sivakalisi silandelayo uze ulungise iziphene ezikuso.

Siyaphazamiseka izikhuseli-mzimba sendalo kube lula ukuba intsholongwane zenze unothanda. (3)

[9]



UMBUZO 4

Jongisisa lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMQONDISO WESIPELITI ESILUPHAWU NGOGAWULAYO

- 4.1 Ingaba igama 'isipeliti' elikwisihlokwana salo mfanekiso libolekwe koluphi ulwimi? (1)
- 4.2 Kusetyenziswe amaso amibala-bala ukuhombisa esi sipeliti. Sebenzisa igama 'iliso' kwizivakalisi ezibini linike iintsingiselo ezahlukeneyo. (2)
- 4.3 Sizathu sini esibangela ukuba abantu boMzantsi Afrika bathande ukufaka esi sipeliti singasentla kwizinxibo zabo? (2)
- 4.4 Xela ukuba lisetyenziswe njani igama, 'isipeliti' kwisivakalisi esilandelayo. (1)
- UNomsa ubuka isipeliti esenziwe ngamaso. [6]

UMBUZO 5

- 5.1 Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi ngocoselelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

UNONOPHELO LWEENWELE

Zenze mhle ngeemveliso zakwaBlack Chic eziquka izithambiso zokolula iinwele nezithambiso zokunyanga, zondle ziphucule nembonakalo yeenwele zakho. IBONA iphisa ngezixa ezingama-20 ezixabisa i-R220,00 sisinye. Thumel'iposkhadi enegama, idilesi nenombolo yomnxeba kule dilesi: Black Chic Giveaway, PO Box 32067, Mobeni, 4060 okanye i-SMS ethi BLACK CHIC ku-35919.

[Ithathwe kwiBONA kaJulayi 2009 yaze yahlelwa]

- 5.1.1 Kwaba bantu badweliswe ngezantsi ingaba esi sibhengezo-ntengiso senzelve oluphi udidi lwabantu? Khetha eyona ichanekileyo kwezi zilandelayo:
- A Umlisela nomthinjana
B Abazali
C Abantu abazihoyileyo iinwele zabo (1)
- 5.1.2 Kungani ukuba isihlokwana sesi sibhengezo sibhalwe ngefonti enkulu kunenkcazo yaso? (1)
- 5.1.3 Nyula ibinzana elinokwenza ukuba abathengi balobeke iingqondo bagxalathelane ukuya kukhangela iBlack Chic. (1)
- 5.1.4 Chonga amagama AMABINI abonisa ulwimi olunomtsalane oluthambekele ecaleni elithile anokwenza umthengi ukuba abone iyiBlack Chic qha enokunceda iinwele zakhe. (2)
- 5.2 Qala esi sivakalisi silandelayo ngolu hlobo:
- UNomsa undiyalele ...
- "Xa uthengisa yiba nomonde," utshilo uNomsa. (3)



5.3 Funda le tekisi ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kwimihla yangoku akunyali ukuba umntu osemncinci ngenkangeleko umve ekhala **ngedolo** elimenza angakwazi ukuhamba kakuhle. Khwelisa umntu omdala ke emotweni, ufika ekhangela iindawo zokubambelela xa umqhubi ejika **idolo** ungazi ukuba yintoni na ingxaki. Mmamele xa encokola nomzukulwana wakhe ke umakhulu, uve ukuba noko le ntetho yakhe **inedolo**, ayifani nale ibibhekiswa kuwe.

5.3.1 Khetha intsingiselo yamagama abhalwe ngqindilili malunga nokuba:

- (a) Yintsingiselo yentsusa
- (b) Enxulunyanisiweyo
- (c) Erheshayo

(3)

5.3.2 Chonga isibanjalo esifumaneka kwisicatshulwa.

(1)

[12]**UMBUZO 6**

Funda esi sivakalisi silandelayo uze unike intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili ngokukhetha kozinikwe kwisichazi-magama.

6.1 Indlela olunambitheka ngayo ulwimi olusetyenziswa ngumbhali kule ncwadi kuyacaca ukuba **uvuthiwe** ekubhaleni.

Uvuthiwe: (-senzi):

- A Ufikelele ebudaleni
- B Uthambile
- C Ugqibelele

(1)

6.2 Sebenzisa isenzi uvuthiwe kuhlobo lokuqondisa sibe kwixesha eladlulayo.

(2)

[3]**AMANQAKU ECANDELO C: 30****AMANQAKU EWONKE: 70**